

DYER-DYER

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

IMPAHLA YAMADODA,

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

| | | |
|--------------------|---|-----|
| „ Ibhatyi „ | „ | 9/ |
| „ loundulubhatyi „ | „ | 3/3 |
| „ Ibhulukwe „ | „ | 6/ |

Ibhatyi ne Bhulukwe ze Kodi

(ZAMANANI ONKE.)

INTLOBO EZINTSHA ZETYALI.

Isuti Zetwidi eninyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina,
Iblankete, njalo-njalo.

IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI

(Ngo Stemele bonke).

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

KANGELA

GILBERT FOX NO NYANA,

Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla.

SIFUNA ukukumbuzwa ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba asingabakoyo nje, koko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisela, nokutumela nalupina uhlobo lwe ziqhamo zomhlaba, esesinatubata atile obulula tina kwezonto. Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke iziqhamo kwi marike zonke zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizi yonke ebalulekileyo sine arente zetu.

ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kubo ukuzinikela kuti impahla zabo, kuba sihlala sine odolo ezinkulu, esiti ke saqala sitengise ezompahla zinikelwa kuti.

ABATENGI bofumana ikwalilungelo kubo ukutumela i odolo zabo kuti, kuba abasindiswa kupela ingcapukisi yokuza e Marikeni, koko nokunyuka kwento ngenxa yokuhlutana ngayo

GILBERT FOX AND SON,

KING WILLIAMS TOWN and EAST LONDON.

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

E-DIKENI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zinilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa
W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Marikeni.

BANTSUNDU!

Bantsundu! Bantsundu

NALI iculo lika "Folokoco" lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa.

Lilo eli: —

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo. Umniniyo utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komteketo, Ngu Folokoco,— Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'true, intengo yetu iyodwa. Ibhatyi, ihempe, neminqwazi, Nebhulukwe ezisikiweyo,— Zonk'

Ningaphila imalekazi omenene Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe Scotch Church, King Williamstown.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikuhlana zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/ LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa P. GRAY, Chemist and Druggist, CAMBRIDGE ROAD, KING WILLIAMS TOWN.

Mawetu! Mawetu!!

YAZINI ukuba ndivule ecaleni kwe Kaya" IVENKILE YENTWANA ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa. Ako Amaculo amahlelo onke. Kuko ne Noti (Tonic Solfa) ezimaculo matsha, amnandi. Elisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa ititshala, njalo-njalo-

PAUL XINIWE, General Agent. King Williams Town. June 10, 1889.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundaa Bridge, apo nofumanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunere,

ROBERT XHOLLA, Kowie Street.

Graham's Town, 28th June, 1889.

Kwabangayamkeliyo IMVO.

SINE Almanak ze 'Mvo' zo 1890, ezilingeneyo anokutunyelwa ongayamkeliyo Imvo ukuba utumele Isheleni Enye, izizitampu zepeni, kwi Office of Imvo, Kingwilliamstown.

February 21st.

UNYAMEKO KWA BAMNYAMA

Beauchamp, Booth Co

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhulukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d. Ibhulukwe ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d. Ibhatyi Zamadoda—iqkunjelwe yonke, 5s 6d. Ibhatyi Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d. Isuti ezitambileyo zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s. Ibhulukwe ezingwevu zokutshata 16s 6d. Izihlangu zabafazi 5s. Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d. Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s. Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d. Ezimhlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d. Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10 1/2d. Ezamadoda Izihlangu ze njiroba. 6s. Iminqwazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye. Eyofele iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanenekazi, Mazilini, Izinxibo zokutshata ze Satini, Izigubungelo zaba Tshakazi, nezinye izinto.

Abamnyama bayayitunyelwa impahla ngeposi xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

BAKER, BAKER & CO

Elobushushu Ixesha,

Elokubanda Ixesha,

Elobumanzi Ixesha.

Elokoma Ixesha,

Onke Amaxesha.

BAKER BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo,

Ingubo Ezingangenwam mvula.

Zamaxesha onke ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA I

Bhulukwe zetuze Kodi ezitshipu

I BLANKETE,

AMAQHINA,

NOMAQATENI (Shoes).

IMINQWAZI,

IZIHLANGU,

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 16.

BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setiniemhlope i-Ready-made 30/-.
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.
I-lokwe ze Alpaca emhlope Zokutshintsha
I-lokwe ze Setini enamabala 17/6.
I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi | I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.
I Printi ezingapumiyo 3d nge yadi.
I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.
Ityali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

ABAZELWEYO.

DLAKIYA.—Kwa Jonono, Natal, Inkosikazi ka Rev. J. Stegmann Dlakiya ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890.—317490

XALA.—E Nyanyadu, Natal, Inkosikazi ka Rev. Richard Xala ibeleke INTOMBI nge Cawa, 23 March, 1890.—317490

IMIBIKO

MVAMB0.—Kubhubhe nnyana ka Rev. S. no Mrs. Mvambo omncinane e Kimberley, nge 14th March, 1890, u JOHN B. SPENCER. Ube 1 year, 3 months ubudala. Izihlobo mazamkele lombiko.—23490

HANNIE.—Kubhubhe ngomhla 28th February, e Xora, kwa Bomvana, u ELIZABETH HANNIE umfazi otandekileyo ka J. P. Hannie. Izihlobo ezikude mazamkele lombiko.—23490

MAKIWANE.—E-Xalanga, ngo Mgqibelo kusasa, 22 March, 1890, kubhubhe unyana opakati ka Timothy no Catherine Makiwane, u TIMM MARTIN. Ubudala ubeneminyaka 9, enenyanga 4, nentsuku 19. Abazali balubikela izihlobo usizi lwabo.—317490

BONISANI!

KULAHLEKE e Zeleni ngobusuku wase Dordrecht izakuba ngu Mr. F. G. C. Graham obesisandla semantyi e Kimberley. Kanobe obeyimantyi yase Bhofolo, u Mr. B. H. Holland angayazele nto imfanelo yabantu. Esite ke safumanisa ukumangaliseka okukulu sakubona amagama o Rev. J. Van Rooyen no Rev. D. Msikinya kwawoqela le Komiti yake. Nokuba besingamazi u Mr. Reed besiyakule silinge yena tina kune General, ngenkolo yokuba nabanina angabhethe kunayo. Kodwa inteto ka Mr. Reed ibonisa ukuba yindoda esebenzisa ubuchopo entwini zombuso, zaye zitandeka imvo zake, esingavuyayo amawetu amele i Humansdorp ne Tinara ne Alexandria, engatanga andita ekuxhaseni u Mr. Reed.

BONISANI.

KULAHLEKE Encera ngase Dikeni KINKABI EGWANGQA, AMANQINA AMHLOPE NGASEMVA, linomgca omhlophe ote gca empumleni. Iminyaka mitandatu, lide. Oluhmeneyo wovuzwa. atumele ku Mhleli we Mvo, okanye ku HERMANUS MYOLI, Heckel, Emgwali, via Dohne. March 29, 1899.—317490

ISAZISO NGE GAMA.

MNA, ndaziwa ngegama lokuba ngu "THOMAS WILLIAMS," eligama lam ndiya liguqula. Ukususela namhlanje mandaziwe ngegama lokuba ndingu "THOMAS W; XIPU."

THOMAS W. XIPU, Telegraph Office, Kimberley.

March 1st, 1890.—310490

IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle akukoy'ukubeleka. indlela yokuhlaulela

IMVO ZABANTSUNDU

ukuba intlaulo:—

Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyangayoquqala..... 3s.

Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6d

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwasaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

NJENGOKUBA u April iyinyanga yokuqala ye Kwata, ababhatalela IMVO nge Kwata bayakunjuzwa ukuba eli lixesha elilungileyo lokutumela isixhaso sepepa, ingekade inyuke intlaulo.

IZIXEKO ezikwintili ye Ohio e Amerika zibe zifikelele ngumoya omkulu ovutuze kwawa izindlu ezibalulekileyo e Kentucky, nakwizixeko zase Springfield. Kuvakala ukuba base makulwini abantu abenzakeleyo. Oku kuhle ekufeni kweveki egqitileyo.

NGOCINGO kufike ezokuba u Bishop Callaway, obesakuba ngu Bishop wase Mtata ubhubhe ngeveki edlulileyo.

U DANIEL NTAMO umfo obulele inkwenkwana engu Maholulu Jacob e Location e Bhai usafunwa.

NGESABATA ezayo e Bhai yi Anivesali yentsapo yesikula se Cawa sabantsundu base Wesile. Izifundo zabantwana zoviwa ngobusuku bolwesi Bini.

NGOBUSUKU bolwesi.Hlanu kungqubene itireni kwisihlambo se Qora ukwela e Mnandi kuloliwe osuka e Bhai oya e Cradock, zapuka i enjini zombini. Ingozi ebeko ngumqubi otunyuzwe imbande.

ISITANDATU senkosana zama Awuwa ezibe zisebenza isigwebo seminyaka elishumi kwintolongo yase Pretoria, site xa kusendle sawela isentile elintsundu, salishiya lilel' isiduli, sela kwantsiza. Zinkosana ezingo Umbangula, Maklip, Umbela, Clambesa, Silepe no Samakleto,

IRULUNELI kuvakala ukuba izimisele ukuba ize ike ihambe nelase Lusutu emva kotyelelo e Kimberley, ngo la April.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, APRIL 3, 1890.

UKUPUMLA KUKA MR. CHALMERS,

OKWANAMHLA sine situba sokuvakalisa usizi lwamawetu kuba u Mr. W. B. CHALMERS, obengumantyi wase Qonce, ewubeka pantsi umsebenzi wakomkulu ukuba apumle. Umzi wakowetu uyakulahlekwa situnzi sake embusweni, necobo, novelwano—into abeseloko ezisebenzisa ngalo lonke ixesha abepatisiwe. Ekupumleni uyakulandelwa zintliziyo zezizwe ezintsundu ezimtamisaqelisiyo zimqwenzelela ukonwaba e Monti apo azakuya kuma kona.

Impawana.

USUKU lokuvota kumandla wase Tinara lungolwesi-Hlanu, 11 April. Amadoda apambikomzi ngo General Nixon no Mr. James Samuel Reed. Sizivile inteto zabo sivakele sisisi, "yo, akwaba ebengapumelelayo u Mr. Reed kulomnyadala." U General Nixon, njengokuba ebese Palamente ngapambili, ufumaniseka elihlohla-mpalo nje elibubqala bungatetekiyo engxoxweni, waza enjalo nje wangumntu angayazele nto imfanelo yabantu. Esite ke safumanisa ukumangaliseka okukulu sakubona amagama o Rev. J. Van Rooyen no Rev. D. Msikinya kwawoqela le Komiti yake. Nokuba besingamazi u Mr. Reed besiyakule silinge yena tina kune General, ngenkolo yokuba nabanina angabhethe kunayo. Kodwa inteto ka Mr. Reed ibonisa ukuba yindoda esebenzisa ubuchopo entwini zombuso, zaye zitandeka imvo zake, esingavuyayo amawetu amele i Humansdorp ne Tinara ne Alexandria, engatanga andita ekuxhaseni u Mr. Reed.

KWINTETO zangolwesi-Hlanu, uzibonakalisele u General Nixon, ukuba akasakudluliseka kwinto abe yiyo kwi Palamente eyandulelayo. Wenze inteto ebandayo ebengokuxhasa indlela ezitile zikaloliwe; wati mayelana noku rafisa utywala akasakulwelisa uluvo lwake de abone ingxelo yabacikidi bonxilo : kodwa noko ucinga ukuba ngeburafiswa. Akuba etete ngokwahlulwa kwesiqingata sase Tinara, ukunikelwa kwenzeyo yase e Bhai uyigqibile inteto yake. Inene elintete iswela amandla njengale akubonakali nto lingaba litunyelwa yona e Palamente. Saye sisazi kwinto ezingokucudisa abeletu ibala kakade uyakuba ngakubacudisi. Singavuya enxweniwe ngamawetu.

ERA Mr. J. S. Reed inteto iqale ngokuti akanguye omlandela nakwinto ezingezizo u Sir Gordon, uyatanda ukunga bangahanjiselwa pambili oliwiwe. Uyakuyixhasa imfundo ngalo lonke ixesha in'kwa kubo bonke abantu beli lizwe ngapandle kwe khete. Ute kufuneka inani lamapofisa landiswe aze anikwe amandla angapuzulu kwanawo. Uyakumela ukuba indawo ezingekabi namalungu zongezelelwe abamele e Palamente. Ute ngomcancato ayakumela, owase Gamtoos, nokuncitshiswa kwe lasensi zamahlali. Uyakumela ukuba utywala burafiswe, bungapitikezwa nento ezibulalayo. Ngamagqula eziqingata ute imali ipelala kwimleko zokuxhasa iofisi. Lenteto iyevona ivakalayo kuneye General.

Impendulo Kubabhaleli.

B. J. G. (Queenstown).—Unenkutazo kuti umbulelo ngomfanekiso we Ruluneli. Siyawubulela.

JOHN APOLIS (Kimberley).—Siwamkele ngocaito umbulelo ngomfanekiso wo Mhle.

ASAPH MAKUBALO (Keiskama Hoek).—Obuza ngenteto zengobozi yo Mhleli eziyakufutshaniwa ezinye zingafutshaniwa, kuya ngezibonakala ngenkoko kwinqondo yo Mhleli ukungena kwazo ngobutshane nobude. Um'bhali seloyinakana ngoduluselo lwenteto eyake nengeyake. Akubonakali nto yimbi. Angayalata oyibonayo.

Ibala Labadlali

TO THE SPORTS EDITOR,—Ndiyavuya okokuba umana ukusibonisa ubumfama betu, nditeta mayela ne match ezazidlalwa e Alwal North, kuba "umhlabile" umbhaleli akuti yi Tournament. Kuhle oko. Ndinosisi okokuba umbhaleli wase Alivani ayitumelayo ingxelo yezo mini zimbini, yi Fear Not C.C. ne British Basutoland C.C. Yati ke i Millioneer C.C. yase Burghersdorp yati challenge i Fear Not C.C., yati i Labour On C.C. yase Burghersdorp yati challenge i British Basutoland C.C. Kwakuhle ke. Zavumelana i club zase Alivani nezase Burghersdorp ukuba zinyuke ezase Biza (Burghersdorp). Sati sakufika e Alival kwavakala okokuba ezi dub zase Biza ziza kudlala ne Alival Union C.C.—Nditsho ukuyibiza kuba kwakuketwe I best kwi Fear Not C.C. naku British C.C.—Zamangala i Captain ze club zase Biza zati azizanga kudlala i Alivani. Kwabonakala ukuba mazingoduke ezase Biza zingadlalanga; kodwa zati ngenxa yendleko zika lolive zafana zadlala, zadlawa okwenene ezase Biza, kodwa *not in a fair way*, kuba sati sakuti u umpire wase Alivani asifuni kwatiwa ulungile; kodwa samangaliswa sakubona i Alival Union C.C. iyikupa kwaleyo umpire emveni kokuba seyikupe isininzi se Millioneer C.C., isizatu kuba u umpire wati umdlali wase Alivani upumile, kwapikiswana ke Mhleli, yada i M. C.C. yayishiya i field, kodwa wati akupuma umdlali lowo yabuya yava emhlabeni i M. C.C. Kwakunjalo ke Mhleli. Nge Royal C.C. yase Rouxville (O.F.S.) yayi ngazanga kudlala i match yayizokudla i Nibidyalala kuba abase Rouxville abadlali babe 5, kwacelwa isitandatu se Labour On C.C. emhlabeni apa. Yonke leyo ngxambashile yayisenza kuba kwakusoyikwa i Milloueurs C.C. ne Labour On C.C. zase Biza, kuba i {Millioneer C.C. yadla i Fear Not C.C. kabini yadla i British C.C. kanye ngokulandelelana kungoko e Biza, akoko nto injalo, sidla ngokuzola okokulu kona, kodwa siti sakuya e Alivani sigale ukuya kubona unxilo nengxolo e fieldini. Amava Mhleli, ndim, BUDLWANA. P.S.—Leyo club yase Biza kutiwa yi Never Give In C.C. yi Labour On C.C.; i Never Give In yi Lawn Tennis Club yase Burghersdorp.

ICHABOD.—Fear F of C.C. and Ethiopian C.C. Ngomhla we 15th February, 1890, kube kuqubisen ezi club zimagama sesiwakanyile, i return match. Nditeta ke kwagquka ne Lawu lentaba ukuya kubonela. Umdlalo uqale emva kwe xesha lesitatu kancinane, kwangena kuqala i Fear Not. Singantuntuyi, kute xa babatandatu abafileyo saye isikora sisisitandatu, kwafuna ukuba kubi, kanti impi ye Fear Not iseza kudlala. Ngamafupi, i Fear Not ipele xa isikora siyi 34. Kwangena i Ethiopian C.C., yeka yati into ka Ngcoza yanga itula amatanga engxweleni, asuka amadoda anga angenwe sititwayi. Siyamcomba kakulu u Mr. Ebenezer Ngezoza ngento ayenzileyo, saye simncoma no Mr. G. Sawuti nge fielding yake. Wadlala umfana ka Dalaza; nakwi Tyopiya siyayincoma kakulu i fielding ne bowling ka Mr. R. Christian, kwanye Captain u Mr. G. A. Ross. Ngamafupi, ube mhle kakulu u mdlalo, sancoma nokundileka kwawo. Ngawo la amanani:—Fear Not C.C.: Sauti b Ross 1, Swaarbooy b Christian 3, Thomas lbw b do 1, S Dalaza b Ross 11, Ngcoza b Christian 6, Boyce run out 1, M Foley b do 1, Makoni c and b Ross 2, Sinuka b do 4, Klara b Christian 0, Nikiwe not out 0. Extras 4, Total 34.

Ethiopian C.C.: Lwana lbw 1, Bopi b Folley 0, Kadi run out 5, Christian b Ngcoza 3, Ross b do 0, Rev. Gwawler b do 1, Tshona c Dalaza b Folley 5, Pezisa b Ngcoza 2, Hlati b do 1, Makwena not out 0, Nqgina b Ngcoza 0, extras 4, Total 22. [Khele]. —ED. (S'. C.) Yadiwa i Tyopiya nge 12 runs kumangeno okuqala. Sipantse ukulibala u Swaarbooy, simncoma ngomsebenzi wake emva kwe'nti, utsho sanga kumhla siyibonayo lento yokuqinwa kwe miti. [Fankukuba lomfo ka Swaarbooy ugqitile nako Messrs. Bowden no Wood, ababe geine imiti e Bavi. —ED. (S'. C.)]

E Komani ngomhla we 5th ku March, 1890, kwadlalwa i match pakati kwe Pioneer C.C. ne Komani C C i club zakona zombini. Yoyiswa i Komani nge 24 runs. Pambi kokuba kudlalwe kwakusoyikwa ngenxa yokuba Amanda 0 bowling akwicale le Komani onke. Kwabonakala ukuba nayo i Komani iyazidla kanye. Yamana ukubuzwa ngelipantsi isiti, "Ngubanina oya kusibhola namhla?" Kwati kanti kumhla ishologu lebhola likwicale le Pioneer. Zenjenje

Komani C.C.: Dlova b Mphahle 0, Zokoti b Magoda 0, Xinishe c David b do 4, Plaatjes run out 1, Lutu c David b do 14, Nukuna run out 7, Msengana (Capt) c Magoda b David 4, Lekalaka b Magoda 0, Maneli c Jamieson b Magoda, Nqhoba b Magoda 0, Ngconga not out 1, extras 3, Total 35.

Pioneer C.C.: Mtuyedwa b Msengana 10, Swaarbooi b Lutu 4, Bacu b Lutu 0, Mphahle c Lekalaka b do 28 Mqumbisa c Xinishe b Lutu 1, Magoda b Msengana 4, Stephen c Xinishe b Msengana 0, Hlati Lekalaka 5, Jamieson b Msengana 5, Nomwa b Lekalaka 1, April not out 0, extras 1, Total 59.

Nge 1 ku March kwakudlala i Frontier C.C. ne Demon C.C. zase Qonce. Frontier C.C., first innings 46, second 81, Grand total 127, Demon C.C., first innings 11, second 30, Grand Total 41. Zadiwa ke i Ndemoni nge 86 runs.

Siyavuya ukubona ukuba amanenekazi ase Qonce ayayikutatela i Tennis; kanjalo nokuba kuko unyikimo olukulu kweli lase Maxhoseni lokuseka i club zayo. Kwa Qoqoboo seyiko, ngati nase Healdtown seyiko, nakwezinye indawo. Singatanda ukubona i match pakati kwe Komani ne Qonce.

Amabhulu na Bamnyama.

IBALA ELIMNYAMA E PALAMENTE.

Ingxoxo yalo mcimbi ingeniswe ngu Mr. Bekker ngokuti Intlanganisano mayigqibe kweli cebo ukuba " Utumisele wo M'buso mauguqulwe, ungavumeli ukuba umntu omnyama abe nokunyulelwa ukuba ngummeli e Palamente."

U Hon. J. H. Neethling, M.L.C., wase Stellenbosch, ute angavuya elicebo lingamkelwanga. (Hoor, boor.) Kuyakusuka kutiwenina kulo lonke elokuhlambuluka, kwakuvakala ukuba Imbumba ya Mabulu ivume icebo loluhlobo? (Hoor, hoor.) Unukunene inkolo yokuba kuko ingozi yokuba mayelana nesihlalo sokupakama somhlope, waqinonondisa ukuba elicebo malingahoywa. Sebegqibile kwiicebo akolwayo lilo yena, ukuba ixabiso lomhlaba nendlu yomntu ukuze abe ngumvoti malipakanyiswe, oko kwanele. Ingozi ebonwa ngumudululi yekude kwiminyaka likulu eza kuqalwa.

U Mr. Van Minnen, wase Burghersdorp, usekele icebo Bhu Mr. Bakker, esiti kufuneka kumiselwe umda oacileyo pakati kwentlanga. Yena akafani no Kafile, ne Lawu, no Mtwa, okanye nayipina inkunkuma yolohlobo; ungumntu omhlope no Myurop. Umntu omhlope usisidalwa esingapezulu komntu omnyama. Akukatalelekile nokuba uhle kwakananina, eyona ndlvisini kwabamhlope isengapezulu koyena mntu omnyama ungogqibeleleyo ukuhlambuluka. [No, no, Hoor, hoor.] Yona yodwa into yokuba emhlope imbaka ngapezulu komntu omnyama. Ukugqita-gqitana kwahlukene. Ute amalinga okuhlambulula ontsondu asuke amenza wakohlakala ngapezulu ngoku umashumi asibhobo ngapezulu ukukohlakala. [No, no.] Ukupela kwanto amabayifundiswe kukuba batinina ukufumana isonka. Uqube wenjenjalo u Mr. Van Minnen, nakwentye inteto waqo. shelisa ngokuvusa intlanganisano ukuba iminyaka elikulu ezayo, atete ngayo u Mr. Neethling, sekusele ishumi lemnyaka bangene kuyo. Uyababongoza ukuba balamkele elicebo kungekade kwenzeka ukuba babe nomntu ontsondu ezinkundleni zabo zombuso.

U Mr. T. P. Theron M L.A., ute emva kwesidlo sombuliso, pezolo bebefike babaninzi kwingxoxo yomanyano lwazo zonke intlanga kweli lizwe, ke ukuba inteto abayiva namhla ite yangena ezikortantini iyakuyenzakalisa Imbumba yama Bhu ngapezulu kwazo zonke izinto eyaka yehlelwa zizo. Intshaba zabo asikupela kwezi zikweli lizwe, kodwa zikwako nasengxwiniweni yo mbuso we Nkosazana. Umnyano olukusele abamnyama bentlanga luko; u Mr. Chamberlain omnye wamapantsi amakulu e England, uko; bako o Mr. Mackenzie nabanye; baye ababantu beyakuti ukuba bavilo ukuba icebo elinjengeli ingeniswe kwintlanganisano yeziqingata, kuhle umonakalo ongenakuxelwa. (Kwadunywa.) Yena akakazanga apulapule inteto ebingeyingatwanga enjengale, waye enga abatabata udaba bekoranti abangeyibhali. Unga intlanganisano ingagqitela kwelandelayo ingxoxo, ate ke wangeniswa eicebo. (Hoor, hoor.)

U Mr. Hauptfleisch (welangase Kapa) ute yena uli Bhulu lomgquba, azakukutela akabangwa kukuba engumhlobo wo Mackenzie okanye wabantu bolohlobo; kodwa kahleli pantsi kommiselo-mbuso ongalucali bala, waye enga bangakurabula ukuba kumi mandla yangase Kapa apo avela kona kubo abantu abangebalungu abagqitileyo ngokuhlambuluka nakwabamhlope kwangokunjalo ngokutyeba. (Hoor, hoor.) Ukuba umntu onjalo utenjiwe lumelwana lwake lwaye lunga lungatuma yena e Palamente kwala nton na ukuba bangamnyuli. (Hoor, hoor.) Ubhekise kwizimo zamadoda antsendu anjengo Mr. Jabavu. Waqoshelisa ngokuvakalisa ububi abavuyi ukuba ude lomcimbi wangeniswa engxoxweni, unlangazelelo lukunga intlanganisano ingagqitela kwingxoxo elandelayo. (Kwadunywa, kuko abati "makugqitwe.")

U Mr. Hawkins (wase Humansdorp) ute, uyavumelana nomongo wecebo lika Mr. Bekker, kodwa akasakulixhasa kuba engaboni ukuba angaxhasa icebo elingosakuba namsebenzi. Ukwakulwalo luka Mr. Van Minnen ukuba umntu omhlophe umelwe kukuba amlaule omnyama. (Oh, oh! Hoor, hoor) Mayelana nempato yocalulo bahleli benayo, kuba lamatshvela amnyama anokuzeka abafazi ngabatatu, ekubeni ukuba yena ebeyakulinga nababini ubeyakufakwa entolongweni ngu Rulumeni. (Kwahlakwa) Elicebo noko alingeniswanga ngobulambo, laye nokuba lamkelwe lingasakuhanjiswa. Kodwa kuyamvuyisa ukwazi ukuba icebo abagqibe kulo lomii lokunyusa imfanelo zomvoti, amakulu namawaka ezizidalwa zimnyama ayakusikwa emqulwini wabavoti. (Kwadunywa, kuko abati " makugqitwe " " makugqitwe.")

Ibekiwe indawo yokuba kugqitwe pambi kwentlanganisano yamkelwe.

IAJI E DOXDRECHT.—U Frederick Muire no Alfred Muire ngokwenzakalisa u Tom ngokumbeta kakubi. Ubengumalusi wabo. Badiwe £30.—U John Johannes Herming Coetzee indodana elifama ngobudlweni kwixegokazi lo Mxhosa. Ulivumile ityala wacela inceba. Unikwe iminyaka 4, esebenza nzela.

E BHAJ.—Umhla we 27 ku March ibingumhla omkulu kumalungu e Debating Society. Bekuqalwa i season entsha. Kwizinto ebezisenziwa sipaule izipungu ne kukisi, nengoma ebezimama ukwenziwa. Bekulo namanenekazi, kwagcotywa kanye. Enye yezinto eziyenze yanandipeka intlanganisano ngamapepa afundiweyo. U Rev. J. W. Gawler ucelwe yi Chairman ukuba afunde ipepa eliteta ngelisiko linyala.

Imdaka, lingcolileyo, litshazisayo lihlazisayo, litandwa kakulu ngabantsundu—lokwaluka. Utsho u Mr. Gawler ngabukali nazintloko amazwi okwalata into eliyiyo elisiko, nokungcolisa, nokonakalisa kwalo.—Emva koko kucelwe u Mr. Geo. A. Ross ukuba afunde elake ipepa. Utsho kwangabukali nazintloko amazwi, abonisa, nafundisa i manners kumaleki ngokuluma jenti.—Emva koko kunyulwe amagosa ngoluhlobo: Chairman, Mr. H. Ncapayi (obekwayiyo kakade); Secretary, Mr. Ebenezer Marela (naye ubekwayiyo).

Intlomo Kusikumbuzo Sika Warner.

[NGU MHLAMELI.]

Nkosi,—Andimtu waka wakukataza kumhla ndivula umlomo, ndoyiswe yinteto ebikwi Mvo, ebheta ngesikumbuzo sika Warner ibhalwe ngu "Siziba Siviwa Ngodondolo." Mna njengomnye Umtembu ndoyisekile. Sendifuna ukhulomela abembalwa, nditi—

IMFUNDO.

u Warner omdala yeyonanto wayinyanzela yanyanzeleka kumadoda amakulu aseba Tenjini —o Mahonga, Sigenu, Tshokotsa, Tabata, Mbambani, namanye. Ndingake ndibonakalise indawo ezixela ukuba imfundo ibingumoya onzulu wo Mahonga no Sigenu. Endingatigxeka a ekwakubonakala imfundo ingati lilile ezi Simnareni, ati lomadoda ngokunxanelwa imfundo etyulu abalahlala ouyana bawo nentombi zabo, abaweze ulwandle. Nokuba akubangako siqamo sihle, kodwa indawo yokuba imfundo ibazalise ingcinga zabo—ibalulekile ngemfundwana epela ko Standard V, kodwa iyileyo enokumenza umfundi afikelele onke amasango apantsi kwe langa anakufikelelwa ngabamhlope. Ndingateta nditi mna

ISIMEMO,

u Sigenu wati ngoluvo olushushu wamena ngencwadi awazibhalela wukube umzi ontsundu nose Gqili nowakwa Ngqika, ndikolwa ukuba wozikumbula nawe Mhleli. [Ewe, iyakunjulwa. — EDITOR IMVO.] Wayesiti mauhlangane umzi ube yimbumba yamanyama kwakiwe isikolo esikulu esiyakuba sesabantsundu, sifundise imfundo zonke ezipakamileyo. Bati kulomcimbi badibana no wabo u Mahonga, bazama ukuyinyanzela olulowo esizweni. Ubhubha umfo ka Sigenu ebeseleke watumela umfana ne letter ku Rev. P. Masiza, efuna ukuba angaba usene Copy anyona yena yezoncwadi zeso simemo, kuba yena ube ngesenayo kwelake ikava. Ndikolwa ebeseko namhlanje ubengakulila abuye ze "Usiziba-Siviwa-Ngodondolo" kuba lendu ebeyimele nje bekungengenxa yanto yimbi bekungenza yulowo abenalo lokunga ingakiwa Isimnari, waye eyame indawo eligama hka Warner, ngezizatu abezazi kuye. — Hai ukufa into enga ketiyo.—Hai ukugqita kwamaxesha.—O Tabita (Badikazi) osencwadini we Zenzo Zaba Postile, Batembi! Batembi! Bakutinina ukufunda o Mr. Mazwi kwindleko ezinjengezi azisimema ngoku esiya Egqili kufunela unyana wake imfundo?

IMPENDULO,

Isimnari, makwakiwe Isimnari ngale mali yesisikumbuzo sika Warner, eyakuba kundawo engabonuzi wase Batenjini. — Akuvela pina amagqweta (Attorney), i Clerk, Imantyi, Abafundisi. Abangabongamele! Ezintlobo - ntlobo zonke zakuzalwa yilo Simnari emayakiwe, iqalwe ngomhla we 9 April lo.

GRAAFF REINET.

UNYULO LWE COUNCIL.

Usuku lwe 7 March, yiminy eyayimiswe ngesaziso ukuba yiminy yokunyula pakati kwe candidates ezintandatho amalungu amatatu kwi Diet. No. 1. Graaff Reinet. Pakati kwezi candidate abangengabo abe Bond batatu Neser, Maasdorp, no Auret, abecala le Bond bakwabatu, Liebenberg, Smook no Joubert. Ngaleminy siyixelileyo u Mr. Maasdorp wakutshwa ngu Liebenberg ngenani lama Bhulu, ate kanti evota-nje alibele ukhulula amatyala awo kwi Council nge, siqendu 18 kumteto 40 of 1889. Ngenxa yoku, kuhle idabi ematyaleni (nge 25th Inst, pambi kwe ngewvu ka Ayliff), elibange ukuba zisikwe ezovoti, abeke ngoko angene onke amalungu ecala elingapasonodhona kwe Bond. Asazi nto kakulu ngalamadodana ngapandle kokuba sazi okokuba ngamadoda angavaniyo nomoya we Bond nokokuba angamadoda afanelileyo kwindawo efanelileyo. O Maasdorp no Auret zizitete ezazekayo, nesiya kuziywenelela ukuzibona pakati kwabaya kunyulelelwa i Palamente ngenye imini. Into elusizi kukungabonakali kwamagama abantsundu kwi list zabavoti ngapandle kwamagama ambalwa kupela.

AMABALANA.

Tea-Meeting.—Siva ukuba i tea-meeting eyayenziwe kwi Ramente ka Mr. Compaan ngomhla wake wokuzalisa amashumi amabini (25) aneshilano iminyaka engumalusi wale Ramente, yangenisa £23. Kwakuhle ngokubonakala kwaba fundisi bamahlelo ngamahlolo, Usapo lwe Church epetwe ngu Mr. Momoti Iwawuma nge afternoon yemini elandelayo, Iwatsho ngento emnandi.—Fruit, Imifundo ngoku iyapela kubonakala ukuba ikakulu yonakaliswe bubuninzi bemvela. Noko iseko yo idiliya, inkoliso yayo iyapekwa ngama Bhulu ukwenza i "Mos" nditeta ke lonto yinto ongafika kunxila nomntana, ndingaseti ngaba ngamankazana. —Amatyala. Maninzi amatyala ayakutetwa yi Jaji ekayapa ngenyanga ezayo, ngokukodwa awo "busela," kuko nawo "kudlwengula" neloku "bulala." Kuya kuhlala i Jaji President yase Kimberley.

AMATEMPILE.—Sifumene udaba ku Mr. Wauchope u Nobhala we Komiti yama Tempile ase Maxhoseni, lokuba ngomhla we 11 April, 1890, ngolwesi-Hlanu, kuya kubako intlanganisela ya Batunywa we Tempile zase Maxhoseni kya Mr. Mbem Njikelana, e Debe Elipezulu. Iya kungena ngexesha le 11 kusasa. Zonke i Tempile zeli lase Maxhoseni kufuneka zitumele Abatunywa kalo ntlanganiselo; leyo naleyo i Tempile Itumele amadoda amabini. Umcimbi oya kuxoxwa kona ngomalunga nokumieva Kwindlu Enkulu (Grand Temple) yase ??? Izigqibo zale ntlanganiselo ziya kutunyelwa kwintlanganiselo enkulu eyakuba se Bhayi ngo July lo uzayo. Ikomiti yalo mcimbi ngo Revs. P. J. Mzimba no E. Makwiwane, Messrs. J. K. Bokwe no I. Wauchope.

Pastor—Mrs. Jones, have you ever reflected that in the course of time you, too, must join the silent majority P Mr. Smith —That's so, parson; and I kinder wish you'd impress on her that she ought to be practising for it now

SIVE SABONA.

Ipepa lase Mtata libalisa ngenamba eku tiwa ibulewe Emzimkulu kumasimi abantu bese Clydesdale. Kumzuzu abantu bemana beteta ngenamba ezimbini eziman' ukubonwa kulamasimi ase mlanjeni, kodwa azide zibhaqwe ngamapulo ake azipumele. Kodwa kute ngomnye umso wacota umlungu otile ekuseni wayifumana izisongile, wabamba ngehalise. Izibhije-yazibhija yada yalala ngokungati idle. Utume umntu omnyama ukuba ayitwale ukugoduka; woyike esiti blaze ibe ife isiduli. Uyile umlungu wayitabata, ebonisa ukuba igqibele wahamba umganyana wabuya wayinikela umfo lowo. Kute xa kupippi weva ngesikalokanti seyimbambe ngengqwimiba. Ubaleke nayo yada yawa yabuya yadutyulwa wayicana entloko ngoku kwapela. Iqangqululwe aseselele kona amagqira amnyama ukufuna inyongo.

Ingxelo yentlanganiselo yo Manyano nge Mfundo eyayise Mgwali, kokona siyitunyelwayo ngu M'bhali Oncedayo. Pakati kwento eninzi etetiweyo sinezwi esinga'enza ngesikalazo esenziwa ngo "xakalashé" bo Manyano, mayelana nencito yo Mgcimi-Ndyebo nge zaziso kwi Mvo. Ayixelwa eyona nto yangenisa "ubuxakalashé" emhlabeni. Kodwa kungumangaliselo ukuba intlanganiselo engxelo zitabata isituba esibanzi kunene kwelipepa, irorele incito yesheleni ngantlanu ngezaziso zayo kwi Mvo. Ukuba kubonakala kulungile emehlweni oxakalashé bomanyano ukuba kumelwane emmgangweni lu Manyano ne Mvo, kulungile nayo IMVO ayisakuzisa ngo ingxelo Zomanyano. Ayisakwanelisa bani into leyo. Incito engezaziso iluncedo Kumanyano, yaye ikwaluncedwana nakwi Mvo. Konakala ntonina ke?

